IVANGELI KAYESU KRESTU

YINTONI I-VANGELI KAYESU KRESTU?

I – vangeli kaYesu Krestu licebo lika Bawo wethu waseZulwini lolonwabo kwakunye nentsindiso* yabantwana Bakhe. Ibizwa ngokuba yivangeli kaYesu Krestu ngenxa ye Ntlawulo kaYesu Krestu osembindini weli cebo. Ngokwe cebo Lakhe, uBawo wethu waseZulwini wathuma uNyana Wakhe, uYesu Krestu, ehlabathini azokusibonisa thina ukuba masibuphile njani na ubomi obunentsingiselo egqibeleleyo kwaye nobomi bolonwabo kwaye sibenamava ovuyo lwanaphakade emva kobu bomi. Ngalo ufefe kwaye nenceba kaYesu Krestu, ungakwazi ukucoceka uhlanjululwe esonweni kwaye ungcamle inzolo nokuphola engqondweni ungenasazela. Ungakwazi ukufaneleka ukuze uphile ebukhweni bukaBawo waseZulwini emva kobu bomi.

Ukuze wamkele oluxolo nokukomelela, kufuneka ufunde kwaye ulandele imigaqo kunye nemimiselo yevangeli. Umgaqo yinyaniso enokusetyenziswa ebomini; ummiselo sisenzo esingcwalisekileyo, esenziwa ngegunya lobubingeleli kwaye amatyeli amaninzi yindlela nomzamo wokungena kumnqophiso kunye noBawo wethu waseZulwini. Imigaqo yokuqala yevangeli lukholo kuYesu Krestu kwaye nenguquko. Imimiselo yokuqala yevangeli kukubhaptizwa kwaye kwaye nokwamkela uMoya oyiNgcwele.

Ugaphila ivangeli likaYesu Krestu ngoku:

- *Khulisa ukholo kuYesu Krestu.*
- *Ukuguquka.*
- *Ukubhaptizwa kwaye nokwamkela uMoya oyiNgcwele.*
- *Ukunyamezela nokubambelela kude kube sisiphelo.*

Emva kokufunda kwaye nokulandela imigaqo yokuqala kunye nemimiselo yevangeli, kufuneka kwaye nawe uye ufune ukulandela umzekelo kaKrestu kuyo yonke intsalela yobomi bakho. Olu kholo luqhubekekayo lubizwa ngokuba "kukunyamezela nokubambelela kude kube sisiphelo."

*Amazwi apinki achaziwe kumaphepha 18 no19.

Iimfundiso kunyeNentlawulo kaYesu Krestu zisembindini wevangeli Lakhe.

UKUKHOLELWA KUYESU KRESTU

Ukholo kukukholelwa okunamandla luqhuba umntu ngokumkhuthaza ukuba akhuthalele ukwenza. Ukholo olukhokelelela ekuxolelweni kwezono lusesazulwini sikaYesu Krestu, iNtlawulo Yakhe yenza ukuba uxolelo lukwazi ukubakhona. Ukholo kuYesu Krestu lungaphaya kokholo lomzuzwana Kuye. Kuthetha ukukholelwa ukuba nguNyana kaThixo kwaye Wasokolela izono zakho, iinxwaleko, kwakunye neengulo zakho. Luthetha ukulandelisa ngezenzo olo kholo. Ukholo kuYesu Krestu lukukhokelela ukuba umthande Yena, umthembe Yena, kwaye uthobele imithetho Yakhe.

> *Thembela eNkosini ngentliziyo yakho yonke; kwaye ungaxhomekeki kwingqiqo yengqondo yakho. Kuzo zonke indlela zakho mazi, kwaye uyakuzikhokela iindlela zakho."*
>
> **Imizekeliso 3:5 en 6.**

UGUQUKO

Ukholo kuYesu Krestu lukukhokelela ukuba utshintshe ubomi bakho ukuba bume kakuhle. Xa ufunda ivangeli, uye uqaphele ukuba wonile, okanye wenze izenzo eziphikisana nentando neemfundiso zikaThixo. kungokuguquka qha, apho unokuzitshintsha ezo ngcinga, inkanuko, iminqweno, iziqhelo, nezenzo ezingahambelaniyo neemfundiso zikaThixo. Uyasithembisa ukuba xa uguquka, Uyakukuxolela izono zakho. Xa uguquka u:

Uqaphela ukuba wonile kwaye uzive uzisola ngokunyanisekileyo ngento oyenzileyo.

Yeka ukwenza okungalunganga, kwaye uzame ukuba ungaze uphinde uyenze kwakhona.

Vuma izono zakho eNkosini kwaye ucele ukuxolelwa. Xa usenza njalo kuyakunceda ukuba ukhululeke emthwaleni osindayo. Ukuba wone omnye umntu, uye ucele nakuloo mntu ukuba akuxolele.

Xolisa ngokubuyisela izinto kwisimo sazo okanye kwisimo esilungileyo. Wenza konke okwaziyo ukwenza okusemandleni akho ukulungisa iingxaki eziye zabangwa zizenzo zakho.

Gcinani Imithetho. Ukuthobela imithetho kaThixo kuzisa amandla evangeli ebomini bakho. Ivangeli liyakukunika amandla akuqinisayo ukuba ulahle izono zakho. Ukugcina imithetho kumalunga nokunceda abanye nokuba ngumkhonzi, uxolele abanye, kwaye uye kwiintlanganiso zeCawa.

Ukunika uMsindisi imbeko. Eyona ndawo ibalulekileyo ekuguqukeni kukuqwalasela ukuba uxolelo luza ngenxa kaYesu Krestu. Ngamanye amaxesha ungabe uye wava ingathi uThixo akazokuzixolela izono ezinzima. Kodwa uMsindisi wasokolela izono zakho ukuze zisuswe kuwe zibekwe emva kwakho, kanye- kanye nezo zinzima. Iziphumo zenguquko yokwenene luxolelo, luxolo, yintuthuzelo, kwaye luvuyo.

Sonke siyazenza iimpazamo. Ngamanye amaxesha siyazonzakalisa kwaye sonzakalise abanye ngeendlela esingenokwazi thina ukuzilungisa sisodwa. Sophula izinto esingakwaziyo ukuzingciba sisodwa. Emva koko sizive sinetyala, simenyekile, kwaye sihlupheka, esingakwaziyo ukuziphilisa sisodwa. Amandla okuphilisa eNtlawulo angaphilisa oko singakwaziyo ukulungisa.

Inguquko ayisoloko ichaza ukuba utshintshe kakhulu nakaninzi. Ikakhulu ifuna ukuba nje wandise imbophelelo yakho ekuphileni ngentando kaThixo. Uguquko alusoko lusenzeka ngokukhawuleza; yiba nomonde nesiqu sakho njengokuba usiwa uvuka ekwenzeni okulungileyo kwaye umane ulungisa impazamo ozenzayo. Njengokuba uguquka, uyakuba notshintsho lwentliziyo. Awunokuphinda ulangazelele ukona. Uyakuyazi ukuba ungumntana kaThixo kwaye akufuneki ukuba uqhubekeke uphinda phinde ukwenza impazamo ezifanayo okokoko. Umnqweno wokulandela uThixo uyakukhula ngamandla kwaye nanzulu.

UKUPHEHLELELWA KUNYE NOMOYA OYINGCWELE

Ukholo kuYesu Krestu kunye nokuguquka kuyasilungiselela ukuba sikwazi ukuphehlelelwa kwaye nokwamkela uMoya oyiNgcwele. UYesu Krestu wafundisa ukuba wonke umntu makaphehlelewe ngamanzi kwaye nangoMoya (uMoya oyiNgcwele) oku kukuhlanjululwa nokuxolelwa kwezono. Ngokuphehlelelwa ngumntu onegunya lobubingeleli kwaye nangokwamkela uMoya oyiNgcwele, uyakuzalwa kwakhona ngokomoya.

Kutheni kufuneka Ndiphehlelelwe?

UYesu Krestu wasibekela umzekelo ngokubhaptizwa uku"zalisekisa bonke ubulungisa" (Mateyu 3:15). Xa ubhaptizwa, ufumana uhlanjululo lwezono zakho (bona Izenzo 2:38). Wenza umnqophiso, okanye isithembiso, kunye noThixo: uthembisa ukwamkela uYesu Krestu njengoMsindisi wakho, ukumlandela Yena, kwaye nokugcina imithetho Yakhe. Ukuba wenza indima yakho, uBawo wethu waseZulwini uthembisa ukuxolela izono zakho. Xa ubhaptizwa ligunya elifanelekileyo, izono zakho ziyahlanjululwa.

> *"UYesu waphendula, Inene, inene, Ndithi kuwe, Ukuba umntu akathanga azalwe ngamanzi nanguMoya, akanakungena ebukumkanini bukaThixo."*
>
> **Yohane 3:5**

Ukubhaptizwa kukufakwa emanzini ixesha elifutshane. Yindlela uYesu Krestu awabhaptizwa ngayo. Ukubhaptizwa ngokufakwa emanzini luphawu olungcwalisekileyo lokufa, nokungcwatywa, kwaye noVuko lukaYesu Krestu; lubonakalisa isiphelo sobomi bakho bakudala kwaye nesiqalo sokuba ngumlandeli kaYesu Krestu.

Kutheni kufuneka ukuba Ndamkele uMoya OyiNgcwele ?

Ngelixesha ubhaptizo lukuhlambulula izono zakho, uMoya oyiNgcwele uyangcwalisekisa, okanye uyakucocisisa, wena. Ukuba uhlala ukholelwa kwiminqophiso yobhaptizo, unganoMoya oyiNgcwele kunye nawe rhoqo. Bonke abantu abalungileyo

UYesu Krestu wabhaptizwa nguYohane uMbhaptizi.

bangakwazi ukuva impembelelo yoMoya oyiNgcwele, kodwa abo ababhaptiziweyo kwaye bamkela uMoya oyiNcwele banelungelo lobuhlobo obuhlala bukhona kubomi babo bonke.

UMoya oyiNgcwele uyakunceda ukuba uyiqaphele kwaye uyiqonde inyaniso. Usinika ukomelela gomoya kwaye nangempembelelo. Uyathuthuzela ngamaxesha anzima kwaye akukhokele ukuba ukhethe okulungileyo. Ungava uthando kunye nempembelelo kaThixo ebomini bakho barhoqo ngemini ngoMoya oyiNgcwele.

Uyafundiswa kwaye ukhokelwe nguMoya oyiNgcwele. "Umthuthuzeli, onguMoya oyiNgcwele, lowo uyakuthunyelwa nguBawo egameni lam, uyakunifundisa zonke izinto, kwaye enze ukuba konke kukhumbuleke, nantoni na Mna endiyithethileyo kuni."

Yohane 14:6

Amandla wakho okukwazi unambitha esi sipho sezulu axhomekeke kwintobelo yakho yemithetho kaThixo. UMoya oyiNgcwele akakwazi ukuhlala kunye nabo abangaphili ngokweemfundiso zikaThixo. Baphulukana nethuba abaliphiweyo lenkokhelo Yakhe kunye nempembelelo. Soloko uzama ukufaneleka ukuba nobuqabane kwaye nenkokhelo yoMoya oyiNgcwele.

Yamkela uMoya oyiNgcwele emva kokubhaptizwa. Kummiselo obizwa ngokuba luqiniso, omnye okanye ababini nangaphezulu, kwabo banikwe igunya ngokomthetho lokubingelela babeka izandla zabo phezu kwentloko yakho. Bayakuqinisa wena njengelungu leCawa kwaye bakusikelele ukuba wamkele uMoya oyiNgcwele. Lo mmiselo ngesiqhelo wenzeka kwinkonzo yangecawa ngokukhawuleza emva kobhaptizo. Xa ubhaptiziwe kwaye waqiniswa, uye ube lilungu leCawa kaYesu Krestu YeeNtsuku ZokuGqibela.

* Amazwi apinki achaziwe kumaphepha 18 no19.

Umthendeleko

Emva kokuba ubhaptiziwe, ungahlaziya iminqophiso yakho yokuphehlelelwa kwakho rhoqo ngeveki ngokutya umthendeleko. Xa iyinkonzo yomthendeleko, isonka kunye namanzi ayasikelelwa kwaye adluliswe kwizihlwele njenge sikhumbuzo seNtlawulo kaYesu Krestu. Isonka luphawu lomzimba Wakhe, ze amanzi abe luphawu lwegazi Lakhe. Xa uhlaziya iminqophiso yakho yokuphehlelelwa, uthenjiswa ukuba uyakuba noMoya, okanye uMoya oyiNgcwele, uyakuba nawe rhoqo.

Umthendeleko uyakunceda ukuba ukhumbule ngombulelo ubomi, intshumayelo kunye neNtlawulo kaYesu Krestu.

*Amazwi apinki achaziwe kumaphepha 18 no19.

Umthendeleko uyasinceda ukuba sikhumbule uYesu Krestu.

UKUNYAMEZELA NOKUBAMBELELA KUDE KUFIKE SISIPHELO

Uba lilungu leCawa kaYesu Krestu Yabangcwele BeNtsuku ZokuGqibela ngokholo kuYesu Krestu, ngoguquko, kunye nangommiselo wobhaptizo kunye nowokuqiniswa. Emva kokuba lilungu leCawa, uyaqhubekeka ukukhula ekuqondeni. Uyaqhubekeka ukusebenzisa ukholo kuYesu Krestu, uguquke, uhlaziye iminqophiso yakho ngokutya umthendeleko, kwaye ulandele inkokhelo yoMoya oyiNgcwele. Le migaqo - siseko yokuqala kunye nemimiselo yevangeli yipatheni nendlela emawuyilandele ubomi bakho bonke. Le mbophelelo yobomi bakho bonke ibizwa ngokuba "kukunyamezela nokubambelela kude kube sisiphelo."

Ukunyamezela nokubambelela kude kube ngunaphakade kuzisa inkokhelo, uxolo, kwaye nolonwabo ebomini. Uyaluva uyolo lokuzama ukufana ncam noYesu Krestu ngokukhonza kwaye nokunceda abo abakungqongileyo. Uyaluqonda kakuhle udlelwano lwakho noBawo waseZulwini kwaye uve uthando Lwakhe Olugqibeleleyo analo ngawe. Uva ithemba kwaye namandla enjongo kwilizwe elisoloko lingonwabanga kwaye likhathazekile.

Ivangeli kaYesu Krestu yindlela yobomi.

“Ewe kufuneka nicinezelele

phambili nihlale ngokupheleleyo

kuKrestu, ninethemba eligqibeleleyo

nelikhanyayo, kwaye nothando

lukaThixo kwaye nolwabantu.

Ke Ngoko, ukuba niyakucinezelela

phambili, nitye niliphange ilizwi

likaThixo, kwaye ninyamezele kude

kubesekugqibeleni, bonani, wathi

uBawo niyakuba nobomi banaphakade

kunye noThixo” (2 Nefayi 31:20).

2 Nifayi 31:20

Ndingakwazi Njani Ukwazi?

Ivangeli likaYesu Krestu libuyisiwe ngesityhilelo esivela kuThixo safifika ku-Mprofeti Joseph Smith kunye nabanye abaprofeti.

Ungazazela ukuba ezi zinto ziyinyaniso ngokuzibuzela kuBawo wakho waseZulwini emthandazweni. Uyaphendula ngoMoya OyiNgcwele, obizwa nangokuba nguMoya kaThixo. UMoya oyiNgcwele uyangqina, okanye unika ubungqina ngoBawo waseZulwini kunye nangoYesu Krestu. UMoya oyiNgcwele uyayivuma inyaniso ngezimvo, ngeemvakalelo kunye nangeengcinga. Imvakalelo eziza noMoya oyiNgcwele zinamandla, kodwa zisoloko zithambile zithule. Njengokuba kwafundiswa eBhayibhileni, "Ke zona iziqhamo zoMoya luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa." (AbaseGalati 5:22–23).

Ndithandaze Njani ?

- *Bhekisa kuBawo waseZulwini.*
- *Bonakalisa ngokuchaza oko ukuvayo entlizi-yweni yakho (umbulelo, imibuzo, izicelo zokuvuma inyaniso yeNcwadi kaMormoni kunye neemfundiso zabafundisi beminyaka emibini).*
- *Vala ("Ngegama likaYesu Krestu, amen").*

Ezi mvakalelo zizivumo zoMoya oyiNgcwele ukuba lomyalezo yinyaniso. Emveni koko kuyakufuneka uba ukhethe ukuba uyakuphila ngoxolo nevangeli likaYesu Krestu njengokuba libuyisiwe ngoJoseph Smith.

Ungayazi inyaniso ngomthandazo onyanisekileyo.

ULUHLU LWAMAGAMA

Intlawulo Isiganeko esisivumelayo ukuba simanyaniswe noThixo. Ukucamagushela yimbandezelo yokuhlawulela isono, kengoko kususa iziqhamo zesono kwabo bangaboni abazisolayo. UYesu Krestu yayinguye yedwa okwaziyo ukuhlawula Intlawulo egqibeleleyo esenzela lonke uluntu. Intlawulo Yakhe yadibana nentsokolo Yakhe ngenxa yezono zethu, nokuphalala kwegazi Lakhe, kwaye nokufa Kwakhe kwaye noVuko Lwakhe. Ngenxa yeNtlawulo, wonke umntu okhe waphila uyakuvuswa. Intlawulo isinika indlela yokuxolelwa izono zethu kwaye siphile okoko noThixo.

ubhaptizo Inyathelo elibalulekileyo ekufumaneni uxolelo lwezono. Ngokubhaptizwa kwaye nokuqiniswa ngabanegunya lobubingeleli, siba ngamalungu eCawa kaYesu Krestu YeNtsuku Zokugqibela. Ukubhaptizwa ngamanzi, lonto ithetha ukuba umbhatizi uyangena naye emanzini. Ukubhaptizwa kubonakalisa umnqweno wokulandela umzekelo kaKrestu kwaye nokwenza iminqophiso noThixo.

Uqiniso Indlela umntu afumana ngayo uMoya oyiNgcwele. Kulo mmiselo, oqhele ukwenzeka kwintlanganiso yomthendeleko, ngokukhawuleza emveni kokubhaptizwa, umntu uyaqiniswa, okanye wenziwa, ilungu leCawa kaYesu Krestu YaBangcwele YeNtsuku Zokugqibela.

Umnqophiso Isivumelwano phakathi kukaThixo nabantwana Bakhe. UThixo unika iimeko zomnqophiso, kwaye sivuma ukumthobela Yena. UThixo usithembisa iintsikelelo ezithile ngenxa yokuthobela kwethu.

Ufefe Uncedo lwezulu kunye namandla anikwayo ngenceba nothando lukaYesu Krestu. Ngofefe Lwakhe, wenza ukuba sikwazi ngeNtlawulo Yakhe, lonke uluntu luyakuvuka. Ngofefe Lwakhe, abo abasoloko beguquka kwaye baphile ngokwevangeli Lakhe bayazikuva bekufutshane kakhulu kuBawo wabo waseZulwini kobu bomi kwaye baphile ebukhweni Bakhe emva kobu bomi.

Ummiselo Esingcwalisekileyo, isenzo esisemthethweni esenziwa ngegunya lobubingeleli. Imizekelo idibene nobhaptizo, ukwamkela uMoya oyiNgcwele, kwaye nomthendeleko. Imimiselo isoloko iyindlela yokungena kwiminqophiso kunye noThixo.

umthendeleko Ummiselo okhumbuza amalungu eCawa ngeNtlawulo kaYesu Krestu. Ngokutya umthendeleko, sihlaziya iminqophiso esiyenzayo xa sibhaptizwa. Isonka namanzi ayasikelelwa kwaye anikwe izihlwele zecawa. Isonka luphawu lomzimba kaYesu Krestu, kwaye amanzi luphawu lwegazi Lakhe. Lo mmiselo wenzeka rhoqo ngeveki nganye kwinkonzo yonqulo ebizwa ngokuba yintlanganiso yomthendeleko.

Intsindiso Ukukhululwa esonweni nasekufeni. Intsindiso yenziwa ukuba mayenzeke yiNtlawulo kaYesu Krestu. NgoVuko lukaYesu Krestu, wonke umntu uyakukwazi ukoyisa iziphumo zokufa. Kwakhona singakwazi ukusindiswa kwiziphumo zokufa ngokholo kuYesu Krestu. Ukholo lubonakaliswa kubomi boguquko kwaye nakwintobelo yemithetho nemimiselo yevangeli kunye nangenkonzo kuKrestu.

ISIFUNDO ESONGEZIWEYO

Le mibuzo ilandelayo kwaye nezibhalo ezingcwele ziyakukunceda ufunde lukhulu ngemigaqo ekulencwadana kwaye uzikise ukucinga ngayo. Uluhlu alukho nzulu; izibhekiso ezingezantsi kwaye nezibhekiso ezixwesileyo ezikwi zibhalo ezingcwele ziyakukuthumela kwezinye izahluko nemigca nemvelaphi.

Yintoni ivangeli likaYesu Krestu?
3 Nifayi 27:13–22 (Incwadi kaMormoni, amaphephas 459–60)

Kuthetha ntoni ukuba nokholo?
Ukholo lungakunika njani amandla?
Amahebhere 11:1, 6 (Bhayibhile, ITestamente Entsha)

Alma 32:21, 26–28 (Incwadi kaMormoni, amaphepha 289–90)

U-Ether 12:6 (Incwadi kaMormoni, amaphepha 509)

Kuthetha ukuthini ukuguquka?
Kutheni lento wonke umntu kufuneka eguqukile?
Luka 15:3–10 (Bhayibhile, ITestamente Entsha)

Izenzo 3:19 (Bhayibhile, ITestamente Entsha)

Alma 12:33–34 (Incwadi kaMormoni, iphepha 240)

Kutheni lento wonke umntu kufuneka ebhaptiziwe?
Izenzo 2:38 (Bhayibhile, ITestamente Entsha)

2 Nifayi 31–32 (Incwadi kaMormoni, amaphepha 112–16)

Yintoni uMoya OyiNgcwele?
UMoya oyiNgcwele ungabusikelela njani ubomi bakho?
2 Nifayi 32:5 (Incwadi kaMormoni, amaphepha 115)

3 Nifayi 27:20 (Incwadi kaMormoni, iphepha 459)

Yintoni injongo yomthendeleko?
3 Nifayi 18:1–12 (Incwadi kaMormoni, iphepha 442)

Moronayi 4–5 (Incwadi kaMormoni, amaphepha 519–20)

Kuthetha ukuthini ukunyamezela kude kube sisiphelo?
2 Nifayi 31:15–20 (Incwadi kaMormoni, iphepha 114)

3 Nifayi 15:9 (Incwadi kaMormoni, iphepha 437)

Nqula kunye Nathi

Yiza kwaye Uzokubona ukuba Ivangeli Elibuyisiweyo Lingabusikelela Njani na Ubomi Bakho

Intlanganiso yomthendeleko yeyona nkonzo yokunqula. Iqhele ukwenzeka kangangeyure nemizuzwana engaphaya kweyure kwaye iqheleukubanjwa oluhlobo:

Amaculo: Aculwa nguye wonke umntu osecaweni. (Amaculo azincwadi abakhona)

Imithandazo: Yenziwa ngamalungu eCawa aloongingqi.

Umthendeleko: Isonka namanzi ziyasikelelwa kwaye zidluliswe ezihlweleni ukukhumbula iNtlawulo kaYesu Krestu.

Izithethi: Ngesiqhelo babini abacelwayo ngaphambi kwexesha ukuba bathethe nesihlwele ngezihloko zevangeli.

Isinxibo: Amadoda namakhwenkwe anxiba iisuti okanye iibrukhwe ezintle kunye nehempe netayi. Amabhinqa namantombazana anxiba iilokhwe okanye iziketi.

Inkongozelo ayicelwa ngexesha lenkonzo yokunqula.

Siyakumema nawe ukuba uze kwiintlanganiso, ngokwee mfuno zakho kwaye neminyaka yakho yobudala. Ukumiswa kwaye nokubanjwa kwezintlanganiso kungohluka.

Isikolo sangeCawa Iiklasi zokufunda izibhalo ezingcwele kunye neemfundiso zevangeli.

Iintlanganiso zabafundisi: Iiklasi zamadoda nabafana abaneminyaka eyi-12 nangaphezulu.

UMbutho wooMama Iiklasi zamabhinqa aneminyaka eyi18 nangaphezulu.

Amantombazana Iiklasi zamantombazana aneminyaka eyi12 – 18.

iPrayimari Inkonzo yamaqela neeklasi zabantwana abaneminyaka eyi 3 – 11. Eyentsana yabantwana abaneenyaga eziyi18 ubudala kuyokutsho kwabaneminyaka eyi-3 isoloko ikhona.

Ixesha lentlanganiso yomthendeleko:_____

I-Address yaseTshapileni._____

_____

_____



Ndenze Ntoni?

- *Funda Incwadi kaMormoni.*

  *Izifundo Ezicetyiswayo:*_____

  _____

  _____

- *Thandaza uzokwazi ukuba uYesu Krestu nguMsindisi wakho.*
- *Guquka kwaye uthandazele uxolelo lwezono zakho. Zama kakhulu ukuphila ngokwemithetho kaThixo.*
- *Yiya ecaweni.*
- *Lungiselela ukubhaptizwa ngo* _____
- *Ndwendwela www.mormon.org ukufunda banzi ngevangeli likaYesu Krestu elabuyiswayo.*
- *Qhubekeka ukuman' udibana nabafundisi beminyaka emibini ukufunda kakhulu ngeenyaniso uThixo azibuyisileyo ngaba-profeti bezintsuku bangelixesha langoku.*

  *Idinga elilandelayo:*_____

  Amagama abafundisi beminyaka emibini kunye namanani omnxeba wabo:

  _____

  _____

IBANDLA
LIKAYESU KRESTU
LABANGCWELE
BEMIHLA YOKUGQIBELA

www.mormon.org

Amagama abantu beMifanekiso
Iqweqwe langaphambili:Inkcukacha ephuma *Amanzi Aphilayo,* ngu Simon Dewey. © Simon Dewey. Ungakopi
Iphepha 2: Inkcukacha ethathwe*Kwi-Ntshumayelo yasentabeni,* uzotywe nguCarl Heinrich Bloch. Usetyenzisiwe ngemvume yeMuziyam yeMbali ebizwa ukuba yiNational Historic Museum ese Frederiksborg e Hillerød, Denmark
Iphepha 5: *Khrestu eVusa Umntwana oyiNtombazana kaJayirasi,* ngu Greg K. Olsen. © Greg K. Olsen
Iphepha 6: *Umphilisi Othambileyo,* ngu Greg K. Olsen. © Ishishini neKhampani: Conceptions Unlimited Investments, Inc. Ungakopi
Iphepha 9: *UYohane UMbhaptizi ebhaptiza uYesu,*ngu Greg K. Olsen. © Greg K. Olsen. Ungakopi

© 2005 yi Mveliso yeNgqondo Ekhuselweyo, Ikhampani Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eMelika.
Isivumelo sesiNgesi: 11/05. Isivumelo Sokuguqula:11/05. Inguqulelo ye *I – Vangeli kaYesu Krestu.* Ulwimi. 01198 774

XHOSA
4 02011 98774 3
01198 774